URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

I-Ofisi yoMphathiswa wezeMfundo

Isalathiso: 20211028-7158
Inombolo yefayili: 6/1/5
Imibuzo: G Coetzee

ISetyhula: 0068/2021
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli beeNkonzo zeZiko kwiZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Imvume yokuba izikolo zingene kwiimvumelwano neKhomishoni yoNyulo eZimeleyo yokuba isebenzise izikolo ezimi kwipropathi karhulumente ngethuba lonyulo loorhulumente basemakhaya (local government elections) lwango-2021*

**Isihloko: Imvume yokuba i-*IEC* isebenzise izikolo ezikwipropathi karhulumente ngethuba lonyulo loorhulumente basemakhaya (*local government elections)* lwango-2021**

1. Injongo yale setyhula kukucebisa zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ezimi kwipropathi yezikolo nezikwizakhiwo zikarhulumente ngemisebenzi eyimbophelelo yamabhunga olawulo ngokumalunga necandelo 36 loMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act (SASA)), 1996 (Act 84 of 1996)*, ngokukodwa ngokumalunga nokusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo yiKhomishoni yoNyulo eZimeleyo *(Independent Electoral Commission (IEC))* ngethuba lonyulo loorhulumente basemakhaya lwango-2021.

2. Icandelo 36(4)(*a*) le-SASA lichaza ukuba ibhunga lolawulo ngemvume yeLungu leBhunga lesiGqeba soLawulo (*Member of the Executive Council*)— linokuthi, (i) liqeshise, lenze kusetyenziswe, liguqule okanye litshintshe ipropathi engenakushenxiseka yesikolo ukulungiselela imisebenzi yesikolo okanye ukongeza kwingxowa-mali yesi sikolo, yaye (ii) livumele nawuphi na umntu aqhube nawuphi na umcimbi kwipropathi yesikolo ukongeza kwingxowa-mali yesikolo.

Vunani Cambers, 33 Church Street,
2nd Floor, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2522 Fax: +27 86 441 9183

Private Bag X9161, Cape Town, 8000
Email: edumin.edumin@westerncape.gov.za
www.westerncape.gov.za

3. ISebe iWCED, ukunika inkxaso idemokhrasi, liyakuvumela ukusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo sikarhulumente yi-*IEC* ngethuba lonyulo loorhulumente basemakhaya lwango-2021, ngokuxhomekeke ekubeni imisebenzi ye-*IEC* iqhubeka ngendlela enozinzo nocwangco yaye akukho zindleko ziya kubakho kwiSebe iWCED okanye kwizikolo zethu ngenxa yoku. Izindlu zangasese kufuneka zenziwe zifumaneke kubo bonke abasebenzi bamaqela ezopolitiko kwizikhululo zokuvota.

4. I-IEC mayithwale uxanduva lokucoca nokuhlanzisa zonke iindawo ezisetyenziswayo phambi kokuba babuyele esikolweni abafundi.

5. Amabhunga olawulo avumelekile ukuba angene kwimvumelwano ne-*IEC* ukwenzela ukusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo sikarhulumente ngethuba lonyulo loorhulumente basemakhaya lwango-2021.

6. ISebe iWCED linqwenela zonke izikolo impumelelo kweli phulo, ukuba kunokwenzeka zikuvumele ukusetyenziswa kwezakhiwo zazo ukulungiselela le njongo.

**ISAYINWE:** D SCHÄFER
**UMPHATHISWA WEMFUNDO, ENTSHONA KOLONI**
**UMHLA:** 2021-10-29